UQeqesho loKhuselo lwabaNtwana

Incwadi yoMsebenzi

Le ncwadi yomsebenzi yeye-



CJCP © 2016 Creative Commons

This work is licensed under a Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives 4.0 International License.

Umnxeba:
021 685 2659

Le ncwadana iqulunqwe yaza yaguqulwa kwiindidi ezahlukeneyo zemithombo yolwazi yokusetyenziswa ngabantu ngokubanzi. Zonke iinzame ezifanelekileyo zenziwe ukuncoma imithombo yolwazi yemisebenzi nezixhobo kubabhali bokuqala ngqa. Xa unokuthi ube nayo nayiphina imibuzo, nceda uqhagamshelane ne-CJCP ngewebhusayithi yethu. Ukuphuhliswa kwale mathiriyeli kuxhaswe ngemali yiComic Relief neHuman Dignity. Izimvo eziveliswe kule ncwadi azibonakalisi ngenene izimvo zabaxhasi-ngemaliponsors.

UQeqesho loKhuselo lwaBantwana lwabaNikezi-nkonzo & namaQumrhu

Incwadana yoku-1: Yintoni evumelekileyo kuwe?

1 = yamkeleke ngokugqibeleleyo kuwe

5 = ayamkelekanga konke konke kuwe

	Imeko	Ukunika inqaku 1 ukuya ku- 5
1	Inkwenkwe elishumi elinesithandathu ubudala yabelana ngesondo neqabanekazi layo elineminyaka eli-15 ubudala elibonakalisa umdla	
2	Usapho lwabantwana, amakhwenkwe, ena-13 nene-9 nentombazana ene-11, ludada kunye kumlambo wengingqi	
3	Intombazana eneminyaka eli-14 ubudala yasezilalini itshatile. Umyeni wayo omtsha unama-30 eminyaka, unomsebenzi osisigxina kwaye uyakwazi ukumenzela izinto	
4	Umama ubetha unyana wakhe oneminyaka esi-8 ubudala ezimpundwini ezize ngokumbela imali. Akanamivumbo	
5	Umsebenzi oyindoda kwiprojekthi yabantwana abangathathi kakuhle ekufundeni, uya nentombazana efikisayo kwindlu yangasese	
6	Abazali banika intombi yabo eneminyaka eli-13 ubudala iikhondom	
7	Umsebenzi oyindoda oqhuba iklabhu yabantwana rhoqo uhlamba kwishawa namakhwenkwe emva kwebhola ekhatywayo	
8	Utata uncamisa intombi yakhe eneminyaka eli-13 ubudala emlonyeni xa isiya kulala	
9	Intombazana eneminyaka eli- 14 ubudala ivuka ngentsimbi yesi-5am yonke imihla ukwenza imisetyenzana yekhaya phambi kokuba iye esikolweni	
10	Abazali bavumela intombi yabo eneminyaka eli-16 ubudala ukuba itshaye	
11	Abazali bathumela abantwana babo esikolweni ngempahla, efanelekileyo kodwa ekwimeko embi. Ngenene abahlupheki.	
12	Abazali ngokuqhelekileyo bathelekisa umntwana wabo ngokungafaniyo nomnye umntwana wabo omncinci	
13	Abantwana kusapho benziswa umsebenzi wokuhlohla intsimbi – iminwe yabo emincinci inceda ekudaleni izinto eziceketheki leyo, zexabiso,	
14	Abazali bathumela unyana wabo oneminyaka esi-8 ubudala esikolweni apho kuza kufuneka ahlale kude nosapho ade abe uneminyaka eli-12 ubudala	
15	Utata uphulula umqolo wentombi yakhe ngelixa amanye amalungu osapho ejongile	
16	Abazali bayala ukuba abantwana babo bagonyelwe izifo zabantwana ngenxa yezizathu zenkolo	
17	Inkwenkwe ilibele ukwenza umsebenzi wayo wesikolo wasekhaya. Ngenxa yoko ititshala iyambetha	
18	Ubhuti oneminyaka eli-11 ubudala nosisi oneminyaka esi-8 ubudala basebenzisa igumbi lokulala elinye	
19	Intombazana eneminyaka eli-9 ubudala ishiywa yodwa iiyure ezisi-8 ngelixa umama wayo esemsebenzini	
20	Abazali bavumela abantwana babo abaneminyaka eli-12 ne-10 ubudala ukuba basele utywala kumsitho wosapho	

Incwadana yesi--2: Imizekeliso yemeko

1.	Ufumanisa ukuba ilungu labasebenzi e-ofisini yakho belidawnlowuda imifanekiso yabantwana abanganxibanga kwi-intanethi emsebenzini, kwaye ebethumela ii-imeyili ezingafanelekanga kwidilesi ye-imeyili yequmrhu.
2.	Utyelele kwesinye seziza zeprojekthi yakho (isheltha, iziko leengcebiso njl.njl.). Ngexesha lotyelelo, njengendlela yesohlwayo, ubona ilungu labasebenzi lishawuta kwaye lihlekisa ngenye inkwenkwe phambi kweqela labanye abantwana abakhuthazwa ukuba bayihleke.
3.	Uthunyelwe incwadana engaziwayo ukuba ivela kubani e-ofisini yakho etyhola ngokuxhatshazwa kwabantwana kwiqumrhu lakho.
4.	Bekukho imeko yongxamiseko waza wagqibela ngokusa umntwana esibhedlele ngemoto yakho/ngeteksi. Abazali bomntwana babeke isikhalazo ngawe ukusukela ngoko, betyhola ukuba umphathaphathile umntwana ngokungafanelekanga.
5.	Omnye wabanikezi-malizo bakho ongundoqo ukhalazele ifoto ekwincwadi yengxelo yakho yokujonga kwakhona yonyaka yamantombazana abonakala ngokucacileyo enxibe impahla yawo yangaphantsi kuphela enesihlokwana esibhalwe ngolu hlobo: ‘Iqumrhu lamalizo i-XYZ lisindisa abantwana abahlanu abashishina ngezesondo kwindlu yamahenyukazi phakathi esixekweni’
6.	Ingxelo yephepha-ndaba elimalunga nabantwana abahlala ezitalatweni isandula kupapashwa ngoku kwiphepha-ndaba lesizwe. Iqumrhu lakho lichazwe ngegama. Baquke futhi nefoto nomzekeliso wemeko yomntwana kwenye yeeprojekthi zakho. Umntwana lixhoba lokuxhatshazwa ngokwesondo. Igama lakhe alitshintshwanga. Umbhalo wenqaku unokwenza nezinto ezivusayo kwaye uyangcungcuthekisa.
7.	Ummi wangaphandle utsalela umnxeba iqumrhu lakho ezinikezela ekukuvolontiyeleni iinyanga ezi-6.
8.	Umfundi owenza imfundo engaphaya kwenomsila oqhuba uphando kwimpembelelo yodlakathiso ebantwaneni uqhagamshelene nawe ukucela imizekeliso yemeko.
9.	Ukhapha ilungu labasebenzi kwi-NGO etyeleleyo kutyelelo lwenye yeeprojekthi zakho. Babuza abantwana ngokungekho sesikweni ukuba bacinga ntoni ngeprojekthi. Omnye umntwana uthi kukho umsebenzi angamthandiyo. Abanye banqwala iintloko bevuma kodwa bayala ukutsho nantonina engaphaya. Intliziyo yakho ikuxelela ukuba kukhona okungalunganga.
10.	Uqesha ilungu elitsha labasebenzi njengomcwangcisi-mali kwi-ofisi yakho eyintloko.
11.	Umntwana uza kuwe ekubonisa imigruzuko engalweni yakhe. Uthi ubethwe ngumntwana omdala kwiprojekthi.

Iinkcazelo zoKhuselo lwabaNtwana

Umntwana

“Umntwana” uthetha umntu ongaphantsi kweminyaka eli-18 ubudala. Ukhuselo lwabantwana lubhekiselele kumanyathelo athatyathwayo ukukhusela abantwana koku kulandelayo:

- “Ukungahoywa”, ngokunxulumene nomntwana, kuthetha ukusilela ekwenziweni koxanduva lobuzali ukunikezwa kwezidingo zomntwana ezingundoqo ezibonakalayo, ezengqiqo, ezemvakalelo okanye ezobudlelane nabantu.
- “Uxhaphazo”, ngokunxulumene nomntwana, luthetha nayiphina indlela yokungxwelerha okanye ukuphatha kakubi okwenziwa ngabom emntwaneni, kwaye kuquka–
    - Ukuhlasela umntwana okanye ukumenza nayiphina indlela yokumenzakalisa ngabom
    - Ukuxhaphaza ngokwesondo umntwana okanye ukuvumela ukuba umntwana axhatshazwe ngokwesondo
    - Ukuvuyelelwa ngomnye umntwana
    - Isenzo somsebenzi wokusetyenziswa nzima komntwana
    - Ukubeka esichengeni umntwana okanye ukumveza kumkhwa onokummosha engqondweni okanye ngokovakalelo.

Ukusetyenziswa Nzima kwabaNtwana

- “Ukusetyenziswa nzima kwabantwana” kuthetha umsebenzi owenziwa ngumntwana–
    - Osebenzisa nzima, oyingozi okanye mhlawumbi ongafanelanga umntu onalo minyaka; kwaye
    - Obeka emngciphekweni uphuhliso lwentlalontle, lwemfundo, lwempilo yomzimba okanye yengqondo, okanye yomoya, lwentsulungeko, lovakalelo okanye lobudlelane.
- “Ukusetyenziswa ngokuthengisa ngesondo”, ngokunxulumene nomntwana, kuthetha–
    - Ukufunelwa komntwana ukuba enze izenzo zesondo ngomvuzo wemali okanye wokunye, ukuquka nezenzo zobuhenyukazi okanye zephonografi, nokuba ngaba loo mvuzo ubangwa, uhlawulwa okanye kwabelwana ngawo nomfuneli, umntwana, umzali okanye umnakekeli womntwana, okanye nawuphina umntu; okanye
    - Ukurhweba ngomntwana ukumsebenzisa kwizenzo zesondo, ukuquka ubuhenyukazi okanye iphonografi

Ukusetyenziswa ngokuxhaphazayo

- “Ukusetyenziswa ngokuxhaphazayo”, ngokunxulumene nomntwana, kuquka–

- Zonke iindlela zobukhoboka okanye izenzo ezifana nobukhoboka, ukuquka nobukhoboka bokuhlawula ityala
- Okanye ukuthwalwa;
- Ukusetyenziswa ngezesondo;
- Ubukhoboka;
- Umsebenzi wokunyanzeliswa okanye iinkonzo zawo;
- Ukusetyenziswa nzima kwabantwana
- Ukususwa kwamalungu omzimba

Ukuxhatshazwa ngokweSondo

- "Ukuxhatshazwa ngokwesondo", ngokunxulumene nomntwana, kuthetha–
  - Ukuhlupha okanye ukuhlasela umntwana ngezesondo okanye ukuvumela umntwana ukuba ahlutshwe okanye ahlaselwe ngezesondo;
  - Ukukhuthaza, ukucenga okanye ukunyanzela umntwana ukuba asetyenziswe ngokwanelisa ngezesondo omnye umntu;
  - Ukusebenzisa umntwana okanye ukubeka esichengeni umntwana ngabom kwizenzo zesondo okanye iphonografi; okanye
  - Ukufumanela umntwana okanye ukuvumela umntwana ukuba afunyanelwe ukusetyenziselwa ukuthengisa ngesondo okanye nangayiphina indlela yokuthabatha inxaxheba okanye yokuncedisa ukusetyenziswa komntwana ekuthengiseni ngesondo.

Ukurhweba ngabantu

- "Ukurhweba ngabantu", ngokubhekiselele kumntwana–
  - Kuthetha ukugaya, intengiso, ukunikeza, ukuhambisa, udluliselo, ukufihla okanye ukufumana abantwana, kwimida okanye ngaphandle kwemida yeRiphabliki–
    - Ngazo naziphina iindlela, ukuquka nokusetyenziswa kwesoyikiso, unyanzelo okanye ezinye iindlela zokunyanzela, ukuxhwila, ubuqhopholo, inkohliso, ukusebenzisa amagunya ngokungafanelekanga okanye ukunika okanye ukufumana iintlawulo okanye izibonelelelo ukufumana imvume yomntu onolawulo lomntwana; okanye
    - Ngenxa yokuba semngciphekweni, ngenjongo yokusetyenziswa; kwaye
  - Kuquka ukugcina umntwana okuququzelelwe okanye okwenziwe ngeendlela ezingekho mthethweni.

Izalathisi zoXhaphazo

ISizathu solu luHlu lwezaLathisi

1. Olu luhlu lwezalathisi luphuhliselwe ukuncedisa ekuchongeni abantwana ababonakala bedinga ungenelelo.
2. Ngokuqhelekileyo basoloko abantwana abaneengxaki bengalufumani uncedo abalufunayo kuba abantu abadala akukho nto bayaziyo ngesidingo sokudluliselwa komntwana.
3. Kuyathenjwa ukuba olu luhlu lwezalathisi luza kunceda ekuphuculeni ufikelelo lwabantwana kwiinkonzo.

IiNgozi zoluHlu lwezaLathisi

1. Olu luhlu lwezalathisi aluzozixhobo zokufumanisa ingxaki, kwaye mazingasetyenziselwa ukuhlela okanye ukuphawula abantwana.
2. Olu luhlu lwezalathisi zizikhokelo ezilula kakhulu kwizalathisi eziqhelekileyo ezinxulunyaniswa neengxaki ezithile ezichaphazela abantwana.
3. Nokuba ngaba umntwana unoninzi lwezalathisi ezidweliswe kuluhlu lwezalathisi, akunyanzelekanga ukuba umntwana abe ulixhoba loxhaphazo ngokwesondo okanye ukuvuyelelwa.
4. Ukuba umntwana unazo izalathisi ezithile zoluhlu lwezalathisi ezilapha ngezantsi, umntwana kufuneka adluliselwe uhlolo olufanelekileyo lweemeko zakhe.

IzaLathisi zokuVuyelela

Ingaba umntwana....

1. Ufika ekhaya evela esikolweni enempahla emoshakeleyo okanye elahlekileyo okanye ezinye izinto zakhe
2. Unemigruzuko, amanxeba okanye eminye imenzakalo angakwaziyo ukuychaza
3. Ubonakala ezikhethela bucala ebantwini
4. Akafuni ukuya esikolweni
5. Ubonakala engatyhilekanga, edakumbile okanye elusizi
6. Ukhalaza ngeentloko ezibuhlungu nezisu ezibuhlungu
7. Akalali kakuhle
8. Unemibono eyothusayo
9. Akasenamdla kwiinkcitha-sithukuthezi zakhe nasemsebenzini wakhe wesikolo wasekhaya
10. Ubonakala exhalabile okanye edakumbile

Ukuba umntwana unezimbini okanye ngaphezulu kwezi zalathisi zingentla, kufuneka adluliselwe ukuba ahlolwe ngokupheleleyo. Qhagamshelana nequmrhu lengingqi elifanelekileyo.

Izalathisi zoXhaphazo ngokweSondo

Ingaba umntwana….

1. Unemikhwa yezesondo engayifanelanga iminyaka yakhe
2. Unolwazi lomkhwa wezesondo olungayifanelanga iminyaka yakhe
3. Uyaqaqanjelwa, uyopha okanye udumbile kummandla womngxuma welindle okanye wamalungu esini
4. Uneemfihlo angavumelekanga ukuba athethe ngazo
5. Unesifo esisulela ngokwabelana ngesondo okanye usuleleko
6. Uneenguqulelo zesiquphe zendlela yokuziphatha nesimo-ngqondo
7. Ubonakala ezikhethela bucala koontanga bakhe
8. Ngesiquphe woyika umntu othile okanye indawo ngesizathu esingabonakaliyo
9. Uchamela ibhedi okanye angcolisele impahla yakhe yangaphantsi ngelixa oko kungayifanelanga iminyaka yakhe
10. Uzibandakanya kumdlalo wezesondo ongafanelekanga nabanye abantwana, izinto zokudlala okanye yena buqu
11. Uzibandakanya ngesiquphe nomkhwa wabantwana, njengokuthetha okosana okanye ukuncanca umnwe wakhe
12. Uzibandakanya nemikhwa engcolileyo yezesondo kubantu abadala okanye abantwana abadala
13. Ulimaza okanye wenzakalisa izilwanyana
14. Umosha okanye utshabalalisa ipropati
15. Uyala ukukhulula phambi kwabanye
16. Ukhetha ukwaleka iimpahla

Ukuba umntwana unezimbini okanye ngaphezulu kwezi zalathisi zingentla, kufuneka adluliselwe uhlolo olupheleleyo. Qhagamshelana nequmrhu lengingqi elifanelekileyo.

IzaLathisi zokuSetyenziswa kweziYobisi

Ingaba umntwana….

1. Ubonakala edidekile okanye ezithatha njengento angeyiyo
2. Unezixhobo okanye iimathiriyeli ezinxulumene neziyobisi, njengamaphepha okubopha, iinqawe neenaliti
3. Unestokhwe esifihliweyo seziyobisi

4. Unesidingo esandileyo sobumfihlo
5. Ubonakala engenamdla kubahlobo bangaphambili, iinkcitha-sithukuthezi zakhe nezemidlalo
6. Akayi esikolweni amaxesha amaninzi
7. Usoloko eziva ediniwe kwaye esozela
8. Uye axoke malunga nokuba ebephi nokuba ebenabani
9. Uyasilela kwintsebenziswano yamalungu omzimba nokuzinza
10. Unamehlo abomvu
11. Uthetha into engavakaliyo
12. Unezilonda ebusweni nasemlonyeni
13. Unuka iikhemikhali nomsi
14. Uchitha ixesha nabasebenzisi beziyobisi abaziwayo
15. Isiqu sakhe sitshintsha ngesiquphe
16. Imikhwa yakhe itshintsha ngesiquphe
17. Imo yakhe yokutyhileka itshintsha ngesiquphe
18. Ubonakalisa ukuhla kumsebenzi wakhe wesikolo ngesiquphe
19. Unokunkwantya nokungcangcazela
20. Uba neenkozo zeliso ezincinci okanye ezinkulu ngokungaqhelekanga
21. Uba nesicaphucaphu okanye ukugabha okungaziwayo
22. Uyasokola ukuzikisa ingqondo okanye ukukhumbula izinto

Ukuba umntwana unezimbini okanye ngaphezulu kwezi zalathisi zingentla, kufuneka adluliselwe uhlolo olupheleleyo. Qhagamshelana nequmrhu lengingqi elifanelekileyo.

IzaLathisi zokuSetyenziswa kweziYobisi nguMnakekeli

Ingaba umntwana ….

1. Ubonakala ezikhethela bucala ekuhlaleni noontanga bakhe
2. Ubonakala elambile okanye engondlekanga
3. Ubonakala emdaka okanye engxathu
4. Ufuna ukulala ngalo lonke ixesha
5. Usoloko efika kade okanye angayi esikolweni
6. Unomenzakalo engaziwayo
7. Akafuni ukugoduka ukuphuma kwesikolo

8. Ubonakalisa ulwazi olungaqhelekanga lweziyobisi okanye lotywala
9. Usoloko ekhalaza ngokugula, okunje ngeentloko nesisu esibi
10. Ubonakala ethule kwaye ezibambile
11. Uneengxaki zendlela yokuziphatha
12. Wenza indima yomzali okanye yomnakekeli phakathi kwekhaya
13. Unabazali ekunzima ukufikelela kubo kwaye abangabandakanyekiyo kwimisebenzi yesikolo
14. Unabazali abangenabudlelane okanye abangazidibanisiyo nabanye

Ukuba umntwana unezimbini okanye ngaphezulu kwezi zalathisi zingentla, kufuneka adluliselwe uhlolo olupheleleyo. Qhagamshelana nequmrhu lengingqi elifanelekileyo.

IzaLathisi zokungaThathi kakuHle ekuFundeni

Ingaba umntwana....

1. Uyasokola ukufunda kunye / okanye ukubhala
2. Uyasokola ukusombulula iingxaki zeesam zemaths
3. Uyasokola ukukhumbula iinkcukacha
4. Uyasokola ukumamela okanye ukuzikisa ingqondo
5. Uyasokola ukulandela imiyalelo / iindlela
6. Unomkhwa wobutyhuthutyhuthu
7. Unengxaki yeengqikelelo namagama
8. Usabela ngokungafanelekanga kwiimeko zentlalo
9. Uyasokola ukubeka iingcinga nezimvo ngamagama
10. Uyasokola yimisebenzi yexeshana efuna intsebenziswano yamalungu omzimba, njengokusika iimilo okanye ukufaka imibala phakathi kwemigca ngelixa abanye abantwana abalingana naye bakwaziyo ukuzenza ezi zinto
11. Akahambi kunye noontanga bakhe eklasini
12. Uyasokola ukumisa okanye ukulungelelanisa izinto
13. Uyasokola ukubona iipateni okanye ukuqiqa kwimidlalo nemisebenzi yexeshana yesikolo

Ukuba umntwana unezimbini okanye ngaphezulu kwezi zalathisi zingentla, kufuneka adluliselwe uhlolo olupheleleyo. Qhagamshelana nequmrhu lengingqi elifanelekileyo.

IzaLathisi zoMngcipheko woMkhwa wezeSondo

Ingaba umntwana….

1. Wenza umkhwa wezesondo ongafanelekanga kwinqanaba lakhe lokukhula neminyaka
2. Wenza isenzo sezesondo esibandakanya unyanzeliso okanye isoyikiso
3. Wabelana ngesondo ngokungakhuselekanga
4. Unesifo esosulela okanye usuleleko ngolwabelwano ngesondo
5. Unamaqabane amaninzi awabelana nawo ngesondo
6. Uyazividiyoteyipa okanye azifote ekwimo yezesondo, okanye avumele abanye ukuba benze njalo
7. Uyazividiyoteyipa okanye azifote esenza izenzo zesondo, okanye avumele abanye ukuba benze njalo
8. Wenza izenzo zesondo ngelixa eqhunyiwe okanye enxilile

Ukuba umntwana unezimbini okanye ngaphezulu kwezi zalathisi zingentla, kufuneka adluliselwe uhlolo olupheleleyo. Qhagamshelana nequmrhu lengingqi elifanelekileyo.

IzaLathisi zokuzeNzakalisa

Ingaba umntwana….

1. Uneziva, imigruzuko angayaziyo
2. Ufaka amabhandeji neeplasta rhoqo
3. Usoloko enxiba izinto ezinemikhono emide okanye iibhulukhwe ezinde ehlotyeni ngelixa kushushu kakhulu
4. Uyala ukunxiba ikhostyum yokudada okanye izinxibo zokudlala
5. Ubonakala ezikhetha kwabanye kwaye usoloko ezixakekisile

Ukuba umntwana unezimbini okanye ngaphezulu kwezi zalathisi zingentla, kufuneka adluliselwe uhlolo olupheleleyo. Qhagamshelana nequmrhu lengingqi elifanelekileyo.

UMthetho wabaNtwana

110. Ukuxela abantwana abaxhatshaziweyo okanye abangahoywanga okanye umntwana odinga unakekelo nokhuselo

1. Icandelo 110 lithi aba bantu balandelayo kufuneka baxele zonke iimeko ezikrokrelwayo nezingqalileyo zoxhaphazo lwabantwana nokungahoywa kwabo koogunyaziwe abafanelekileyo:
    a. Naliphina igosa lezoluleko
    b. Ugqirha wamazinyo
    c. Umnyangi ngamayeza
    d. Igosa lezokungena elizweninjengommi
    e. Umhloli wezabasebenzi
    f. Umsebenzi oqeqeshiweyo wezomthetho
    g. Umsebenzi oqeqeshiweyo wezempilo
    h. Ilungu labasebenzi okanye umsebenzi olivolontiya kwifasilithi yonakekelo lwexeshana, iziko leengcebiso okanye iziko lonakekelo lwabantwana nolutsha
    i. Umbelekisi
    j. Umfundisi
    k. Umongikazi
    l. Itheraphisti yasemsebenzini
    m. Iifiziyotheraphisti
    n. Isayikholojisti
    o. Inkokeli yezeNkolo
    p. Ingcali eqeqeshiweyo yeenkonzo zentlalontle
    q. Unontlalontle
    r. Itheraphisti yokuthetha
    s. Utitshala
    t. Umsebenzi oqeqeshiweyo wonyango lweSintu
    u. Inkokeli yomthonyama
2. Icandelo 110 lithi aba bantu badweliswe apha ngentla kufuneka benze ingxelo esesikweni kwiqumrhu lentlalontle labantwana lengingqi elichongiweyo (elinje ngamaqumrhu entlalontle yabantwana yengingqi, i-ACVV ne-Uviwe), isebe lephondo lophuhliso lwentlalontle okanye ipolisa.
3. Ingxelo esesikweni mayenziwe kwifomu efanelekileyo, iFomu 22.

I-*Sexual Offences Act*

Icandelo elifanelekileyo kwi-SOA kwicandelo 54 le-*Sexual Offences and Related Matters Act[14]* linyanzela '[a] umntu' owazi okanye 'onenkolo efanelekileyo okanye isikrokro' sayo nayiphi na indlela yoxhaphazo ngokuphathelele kwezesondo emntwaneni okanye umntu okhubazeke engqondweni ukuba axelele ipolisa.

IRejista yeSizwe yoKhuselo lwabaNtwana

1. I-NCPR igcinwa liSebe loPhuhliso lwezeNtlalontle
2. Iqulethe izigaba ezibini:
    a. **Isigaba A:** Injongo yesiGaba A seRejista –
        i. Kukuba nerekhodi yoxhaphazo okanye ukungahoywa ngabom kwabantwana abathile;
        ii. Ukuba nerekhodi yeemeko ezayamene noxhaphazo okanye ukungahoywa ngabom kwabantwana
        iii. Ukusebenzisa ulwazi olukwirejista ngenjongo yokukhusela aba bantwana kuxhaphazo olulolunye okanye ukungahoywa;
        iv. Ukubeka iliso amatyala neenkonzo kwabo bantwana;
        v. Ukwabelana ngolwazi phakathi kweengcali eziyinxalenye yeqela lokhuselo lwabantwana;
        vi. Ukumisela iipateni neentsingiselo zoxhaphazo okanye ukungahoywa ngabom kwabantwana;
        vii. Ukusebenzisa ulwazi olukwirejista ngeenjongo zokucwangcisa nezoqingqo-mali ukunqanda uxhaphazo nokungahoywa ngabom kwabantwana nokukhusela abantwana kwinqanaba lesizwe, lephondo nelikamasipala.
    b. **Isigaba B:** Injongo yesiGaba B seRejista kukuba nerekhodi yabantu abangakulungelanga ukusebenza ngabantwana nokusebenzisa olo lwazi lukwiRejista ngenjongo yokukhusela abantwana gabalala kuxhaphazo lwaba bantu
3. IsiGaba B sibaluleke kakhulu kumaqumrhu asebenza ngabantwana.
4. Akukho mntu unegama elikwisiGaba B seRejista–
    a. Oya kulawula okanye asebenze, okanye athabathe inxaxheba okanye ancedise ekulawuleni okanye ekwenzeni, iziko elinikeza iinkonzo zentlalontle ebantwaneni, ukuquka unakekelo lwabantwana nololutsha, ifasilithi yonakekelo lwexeshana, isheltha okanye iziko leengcebiso, isikim seqela sonakekelo lokondla, isikolo, iklabhu okanye umbutho onikeza iinkonzo ebantwaneni
    b. Ukusebenza ngabantwana okanye ukufikelela kubo kwiziko elinikeza iinkonzo zentlalontle ebantwaneni, ukuquka iziko lonakekelo lwabantwana nolutsha,

ifasilithi yonakekelo lwexeshana, isheltha okanye iziko leengcebiso, isikolo, iklabhu okanye umbutho onikeza iinkonzo ebantwaneni, okanye ekuphunyezweni kwesikim seqela sokugcinwa komntwana, mhlawumbi njengomqeshwa, ivolontiya okanye nisiphina isikhundla

c. Ukuvunyelwa ukuba ube ngumzali owondla okanye okhulisa umntwana

d. Ukusebenza nakweyiphi iyunithi yeNkonzo yamaPolisa aseMzantsi Afrika enikezwe uxanduva lokhuselo lwabantwana

e. Ukuqeshwa ngokwayamene ne-*Public Service Act* kwisikhundla apho umntu lowo esebenza ngabantwana okanye efikelela kubo

f. Ukuqeshwa ngokwayamene ne-*Municipal Systems Act* kwisikhundla apho umntu lowo esebenza ngabantwana okanye efikelela kubo

g. Ukusebenza nangayiphina indlela yengqesho okanye umsebenzi njengoko kunokumiselwa.

INCWADANA YESI-3: IMIYILO EBHALIWEYO YOKUXELA NOKUSABELA KUXHAPHAZO LWABANTWANA NOKUNGAKHATHALELWA KWABO

Umyilo obhaliweyo woku-1

“UMnu X” ngoyena mxhasi wakho unesisa nomdala kwaye utyelele iprojekthi yakho amaxesha amaninzi eminyakeni, esoloko echitha ixesha yedwa nabantwana kwaye ebahambisa. Uve ukuba ubuzwe ngamapolisa ngokuba nemifanekiso yephonografi yabantwana. Kutshanje uhlawule umntwana aye wanobudlelane obusondeleyo naye, osele engumntu omdala ngoku, ukuba amtyelele ngeholide.

Umyilo obhaliweyo wesi-2

Umntu omtsha okwiziko lonakekelo olityeleleyo, ukhalaza kuwe malunga nokubethwa kwakhe phantsi konakekelo lwabanye abasebenzi bezonakekelo. Awonwabanga ngemigangatho yonakekelo kwikhaya elo kodwa iqumrhu lakho lisebenza norhulumente ukuphucula imigangatho jikelele nokuphuhlisa ezinye iindlela zonakekelo lwamaziko. Uxhalabile ngemeko yomntu omtsha, kodwa futhi uxhalabile malunga nokumosha ubudlelane bequmrhu lakho norhulumente. Kwakhona, kungenzeka ukuba akukho nto iza kwenzeka kwisikhalazo kwaye futhi oko kunokude kwenze imeko yomntu omtsha ibe nzima nangakumbi.

Umyilo obhaliweyo wesi-3

Kutyelelo lwenye yeeprojekthi zakho – isheltha yabantwana abahlala ezitalatweni- inkwenkwe efikisayo ikhalazela ukuba yona namanye amakhwenkwe bebephathaphathwa ngumlawuli ngokungafanelekanga. Xa uvelisa umcimbi kumlawuli ucaphuka kakhulu kwaye afune ukwazi ukuba ngubani okuxelele oku. Uxela igama lenkwenkwe enokuba ikuxelele aze akulumkise ngokuba isoloko isiza namabali angekhoyo, nanjengoko iphazamiseke kakhulu.

Umyilo obhaliweyo wesi-4

Ilungu eliyindoda labasebenzi bengingqi licela iintsuku ezimbalwa zokungabikho emsebenzini ukuba liyokutshata. Uyavuyisana nalo. Emva koko, kuye kwacaca ukuba umtshakazi ngumntu oneminyaka eli-14 ubudala.

Umyilo obhaliweyo wesi-5

Umtyeleli kwiprojekthi yakho uthatha iifoto zabantwana engakhange afumane mvume aze azifake kwi-akhawunti kaFacebook wabo ukuquka nolwazi olwazisa indawo yeprojekthi kunye nokuthile okwazisa abantwana.

Umyilo obhaliweyo wesi-6

Kuza kuwe ilungu labasebenzi elikuxelela ukuba elinye lamavolontiya, umntu othandwayo kakhulu jikelele kwaye ohlonitshwayo ngomsebenzi wakhe nabantwana, ebemema

abantwana abahlala ezitalatweni asebenza ngabo kwindawo yengqesho ahlala kuyo. Kubonakala ngathi abanye bachithe ubusuku apho.

Umyilo obhaliweyo wesi-7

Utyelela isikolo esiqhutywa ngumasibambisane karhulumente wakho, abaPhathiswa bezeMfundo. Uqaphela utitshala oyindoda eziphatha ngendlela oyibona ingafanelekanga emntwaneni (ukunye nomntwana kude kunalo lonke iqela kwaye ubonakala engonwabanga ngelixa emsebezela endlebeni emphulula iinwele). Emva koko ubona umntwana ebonakala lusizi kwaye ethule. Xa ebuzwa ukuba kwenzeke ntoni utsho ngesikhalo aze athi ‘yindoda engcolileyo, andizukukwenza oko akucelayo!’

Umyilo obhaliweyo wesi-8

Ulungiselele ukuba uqhube udliwanondlebe njengenxenye yomsebenzi wophando neqela labantu abatsha ukuxoxa ngemiba yamalungelo. Uxoxa ngamalungelo nemiba yokhuselo jikelele neqela elo. Emva kokubonisana, omnye wabantu abatsha, intombazana eneminyaka eli-15, iyadakumba ize iqalise ukukubuza ‘imibuzo esekelwe kwingqikelelo’ malunga nemakwenzeke ukuba umntu unyanzelwa ukuba abelane ngesondo nomalume wakhe.

UkuLawula uBhengezo eMntwaneni

Amanqaku jikelele

- ✓ Yamkela oko akutshoyo umntwana
- ✓ Zola
- ✓ Sukuphaphazela
- ✓ Sukufuna uncedo ngelixa umntwana esathetha nawe
- ✓ Thembeka
- ✓ Jonga ngqo emntwaneni
- ✓ Sukukhangeleka wothukile
- ✓ Mxelele ukuba kufuneka uxelele omnye umntu, umntu oza wukwazi ukunceda
- ✓ Mqinisekise ukuba akanakusolwa ngoxhaphazo
- ✓ Ungaze ubuze imibuzo ekhokelayo
- ✓ Zama ukungaphindi imibuzo efanayo emntwaneni
- ✓ Ungaze ungxamele ulwazi
- ✓ Sukugcwalisa amagama, ugqibezele izivakalisi zakhe, okanye wenze iingqikelelo
- ✓ Qonda ukuba kusenokwenzeka ukuba umntwana woyikisiwe
- ✓ Thatha amanyathelo afanelekileyo ukuqinisekisa ukuba ukhuseleko lobuqu nokuphila ngokwengqondo komntwana. Oku kungaquka ukumdlulisela ekufumaneni unyango ngamayeza okanye kwisayikholojisti
- ✓ Qinisekisa ukuba uyahlula phakathi kokuthethwe ngumntwana kanye kanye kunye neentelekelelo onokuba wena uzenzile. Ucoselelo lubalulekile kwesi sigaba senkqubo
- ✓ Sukuvumela intandabuzo yobuqu ukuba ikunqande ekuxeleni isityholo kwigosa lokhuselo lwabantwana elichongiweyo
- ✓ Mazise umntwana ngoza kukwenza okulandelayo kwaye nokuba uza kumxelela ukuba kwenzeka ntoni

Izinto omawuzitsho

- ✓ ‘Ndiyakukholelwa’
- ✓ ‘Ndiza kuzama ukukunceda’
- ✓ ‘Ndiza kukunceda’
- ✓ ‘Ndiyavuya ukuba undixelele’
- ✓ ‘Awuzukusolwa’

Izinto omawungazitsho

- × ‘Ufanele ukuba uxelele umntu kwangaphambili’

- × ‘Andikholelwa! ndothukile!’
- × ‘Oo oko kutsho okuninzi’
- × ‘Hayi asingo... ngumhlobo wam’
- × Sobe ndixelele omnye umntu’
- × ‘Ngoba? Njani? Nini? Phi? Ngubani?

Ekupheleni kobhengezo

- ✓ Qinisekisa umntwana ukuba bekulungile ukukuxelela
- ✓ Mxelele oza kukwenza okulandelayo
- ✓ Funa uncedo ngokukhawuleza, okokuqala kwigosa lokhuselo lwabantwana elichongiweyo
- ✓ Bhala phantsi ngokuchanekileyo oko ukuxelelwe ngumntu omtsha, ngamazwi omntwana. Sayina uze ufake umhla amanqaku akho. Gcina onke amanqaku kwindawo ekhuselekileyo isithuba sexesha esingamiswanga. Oku kubalulekile ukunceda iqumrhu lakho/ iinkonzo zoluntu/ amapolisa ukuba enze isigqibo sokona kufanele umntwana, kwaye njengobungqina ukuba kuyimfuneko
- ✓ Zifunele uncedo ukuba uziva ufuna inkxaso

Amanyathelo ama-5 omawuwathathe xa ufumana ubhengezo emntwaneni[1]:

1. Mamela: sukuphazamisa; nika isithuba nexesha lokuba abalise ibali ngesantya sakhe ngamazwi akhe; yiba nomonde; mamela ngokunomdla; izijekulo; mamela iingqiqo
2. Yithathe ngondileko
3. Qinisekisa kwakhona: ukhaliphe kakhulu; uncedile undixelele; usebenzile
4. Inkxaso: yesiqu / yonyango; yoluvo lomntu ngokuphathelele kwintlalo; ungenzi izithembiso ongazukuzigcina; sukuthembisa ukuba uza kuthula
5. Xela

1 Plan International.

Incwadana yesi-4: IPhetshana lokusebenzela lokuziphicotha

A	ABANTWANA NEQUMRHU	EWE	HAYI
1.	IARHENTE IGXININISA KAKHULU NGOXANDUVA LWAYO LOKUKHUSELA ABANTWANA KWAYE IYAKWAZISA OKU KUBO BONKE ABAQHAGAMSHELANA NAYO.		
2.	INDLELA ABASEBENZI NABANYE ABAMELI ABAZIPHATHA NGAYO EBANTWANENI IBONAKALISA UKUBA BAZINIKELE EKUKHUSELENI ABANTWANA KUXHAPHAZO.		
3.	KUKHO ULWAZISO OLULUNGILEYO LWENGQUNGQUTHELA YE-UN YAMALUNGELO OMNTWANA (I-UNCRC) OKANYE EZINYE IZIXHOBO ZAMALUNGELO ABANTWANA KWAYE KUBONWA NJENGESISEKO SOKHUSELO LWABANTWANA KWIQUMRHU.		
4.	ABALAWULI NABASEBENZI ABAZIINTLOKO BAQINISEKISA UKUBA ABANTWANA BAYAMANYELWA KWAYE KUBONISWANA NABO KWAYE NOKUBA AMALUNGELO ABO KUHLANGATYEZWANA NAWO.		
5.	IARHENTE IGXININISA UKUBA BONKE ABANTWANA BANAMALUNGELO OKHUSELO ALINGANAYO.		
6.	IARHENTE ILAWULA INDLELA YOKUZIPHATHA KWABANTWANA NGEENDLELA EZINGEKHO NDLONGONDLONGO KWAYE ABAHLAZISI OKANYE BAJONGELE PHANTSI ABANTWANA.		
B	IMIGAQO-NKQUBO NEENKQUBO EZINCEDA UKUGCINA ABANTWANA BEKHUSELEKILE	EWE	HAYI
1.	IARHENTE INOMGAQO-NKQUBO OBHALIWEYO WOKHUSELO LWABANTWANA OKANYE UNAMALUNGISELELO ACACILEYO UKUQINISEKISA UKUBA ABANTWANA BAYAKHUSELWA EKONZAKALENI.		
2.	UMGAQO-NKQUBO OKANYE AMALUNGISELELO AMKELWE KWAYE AQINISEKISWA YIBHODI YOLAWULO EFANELEKILEYO (UMZ., IBHODI YABALAWULI ABAZIINTLOKO, IBHUNGA ELILAWULAYO, NEKOMITI).		
3.	UMGAQO-NKQUBO OKANYE AMALUNGISELELO KUFUNEKA ALANDELWE NGUMNTU WONKE.		
4.	KUKHO IINKQUBO EZICACILEYO ZOKHUSELO LWABANTWANA EZIKHOYO ZOKUNIIKEZA ISIKHOKELO SENYATHELO NENYATHELO UKUBA KUTHATHWE ELIPHI INYATHELO UKUBA KUKHO IINKXALABO MALUNGA NOKHUSELO LOMNTWANA OKANYE INTLALONTLE YAKHE.		
5.	KUKHO UM(ABA)NTU O(ABA)XELIWEYO WO(BO)KHUSELO LWABANTWANA O(ABA)NENDIMA ECHAZWE NGOKUCACILEYO NOXANDUVA.		
6.	IINKQUBO ZOKHUSELO LWABANTWANA ZIKWATHATHELA INGQALELO IIMEKO ZENGINGQI.		
C	UKUKHUSELA UKWENZAKALISWA KWABANTWANA	EWE	HAYI
1.	KUKHO IMIGAQO-NKQUBO NEENKQUBO OKANYE IINDLELA EKUVUNYELWENE NGAZO ZOKUGAYA ABAMELI NOKUHLOLA UZINZO LWAZO LOKUSEBENZA NABANTWANA, UKUQUKA NALAPHO KUNOKWENZEKA AMAPOLISA NOQHAGAMSHELWANO NABAQESHI BANGAPHAMBILI UKUQINISEKISA NGEMO YOMNTU.		
2.	KUKHO IZIKHOKELO EZIBHALIWEYO ZOMKHWA OKANYE INDLELA ETHILE YOKUCHAZA KUBASEBENZI NABANYE ABAMELI UKUBA NGOWUPHI UMKHWA WOKUZIPHATHA OVUMELEKILEYO NONGAVUMELEKANGA XA KUYIWA KUQHAGAMSHELWANO NABANTWANA.		
3.	IZIPHUMO ZOKWAPHULA IZIKHOKELO NGOKUPHATHELELE KUMKHWA WOKUZIPHATHA ZICACILE KWAYE ZIQHAGAMSHELENE NEENKQUBO ZESOHLWAYO ZEQUMRHU		
4.	ISIKHOKELO SIKHO NGOSETYENZISO OLUFANELEKILEYO KUBUCHWEPHESHE BOLWAZI OBUNJE NGE-INTANETHI, IIWEBHUSAYITHI, KUNYE NEEDIJITHALI KHAMERA NJL.NJL. UKUQINISEKISA UKUBA ABANTWANA ABABEKWA MNGCIPHEKWENI.		
5.	APHO KUKHO UXANDUVA OLUTHE NGQO UKUQHUBA/UKUNIKEZA IMISEBENZI, UKUQUKA NOKHATHALELO LWENDAWO YOKUHLALA, ABANTWANA BABEKWA ILISO NGOKWANELEYO KWAYE BAKHUSELWE NGAWO ONKE AMAXESHA.		
6.	KUKHO IINDLELA EZIPAPASHWE NGOKWANELEYO APHO ABASEBENZI/ ABAMELI BANOKUPHAKAMISA IINKXALABO, NGOKWEMFIHLO UKUBA KUYENZEKA, MALUNGA NOMKHWA WOKUZIPHATHA ONGAVUMELEKANGA NGABANYE ABASEBENZI OKANYE ABAMELI.		

UQeqesho loKhuselo lwaBantwana lwabaNikezi-nkonzo & namaQumrhu

D	UPHUMEZO NOQEQESHO	EWE	HAYI
1.	KUKHO ISIKHOKELO ESICACILEYO KUBASEBENZI, OOMASIBAMBISANE NAMANYE AMAQUMRHU (UKUQUKA NAMAQUMRHU AXHASA NGEMALI) NGENDLELA ABANTWANA ABAZA KUGCINWA NGAYO BEKHUSELEKILE.		
2.	UKHUSELEKO LWABANTWANA KUFUNEKA LUSETYENZISWE NGEENDLELA EZITHATHELA INGQALELO INKCUBEKO KODWA NGAPHANDLE KOKUKHUTHAZA IZENZO EZIYINGOZI EBANTWANENI.		
3.	KUKHO ISICWANGCISO ESIBHALIWEYO ESIBONISA AMANYATHELO AZA KUTHATHWA UKUGCINA ABANTWANA BEKHUSELEKILE.		
4.	BONKE ABASEBENZI NAMAVOLONTIYA BANIKEZWA UQEQESHO KUKHUSELO LWABANTWANA XA BENGENA KWIQUMRHU OKUQUKA UKWAZISWA KUMGAQO-NKQUBO WOKHUSELO LWABANTWANA WEQUMRHU KUNYE NEENKQUBO APHO EZI ZIKHOYO.		
5.	BONKE ABASEBENZI NABANYE ABAMELI BANIKEZWA AMATHUBA NGOKUFUNDA NGENDLELA YOKUQONDA NOKUPHENDULA KWIINKXALABO EZIMALUNGA NOXHAPHAZO LWABANTWANA.		
6.	UMSEBENZI SOWENZIWE NABO BONKE OOMASIBAMBISANE UKUVUMELA OKULINDELWEYO KWEZENZO EZILUNGILEYO NGOKUSEKELWE KULE MIGANGATHO.		
E	ULWAZI NONXIBELELWANO	EWE	HAYI
1.	ABANTWANA BENZIWA BALIQONDE ILUNGELO LABO LOKUKHUSELEKA KUXHAPHAZO.		
2.	WONKE UMNTU KWIQUMRHU UYAZI UKUBA NGOWUPHI UMSEBENZI OCHONGIWEYO ONOXANDUVA OLUKHETHEKILEYO LOKUGCINA ABANTWANA BEKHUSELEKILE NENDLELA YOKUQHAGAMSHELANA NABO.		
3.	IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZEMITHOMBO YOKHUSELO LWABANTWANA, IINDAWO EZIKHUSELEKILEYO, OOGUNYAZIWE BESIZWE NONCEDO LWEZONYANGO OLUNGXAMISEKILEYO ZIHLELII ZIKHONA.		
4.	ABANTWANA BANIKEZWA ULWAZI LOKUBA BAYE PHI NA UKUFUMANA UNCEDO NEENGCEBISO EZIPHATHELELE KUXHAPHAZO, UNGCUNGCUTHEKISO NOKUVUYELELA		
5.	EKUQHAGAMSHELWANA NABO KUBEKWE KWINQANABA LESIZWE KUNYE /OKANYE ELENGINGQI NEE-ARHENTE EZIFANELEKILEYO ZOKHUSELO/INTLALONTLE YABANTWANA NJENGEZIFANELEKILEYO.		
6.	ABASEBENZI ABANOXANDUVA OLUKHETHEKILEYO LOKUGCINA ABANTWANA BEKHUSELEKILE BAYAFIKELELA KWIINGCEBISO ZENGCALI, INKXASO NOLWAZI OLUKHETHEKILEYO.		
F	UKUBEKA ILISO NOKUJONGWA KWAKHONA	EWE	HAYI
1.	AMALUNGISELELO AKHONA UKUBEKA ILISO EKUTHOTYELWENI KWAMANYATHELO OKHUSELO LWABANTWANA LUMISELWE LIQUMRHU.		
2.	AMANYATHELO AYATHATHWA UKUBUZA RHOQO ABANTWANA NABAZALI/ABANAKEKELI NGEZIMVO ZABO NGEMIGAQO-NKQUBO NEZIQHELO EZIJONGE UKUGCINA ABANTWANA BEKHUSELEKILE NOKUSEBENZA KWAZO.		
3.	IQUMRHU LISEBENZISA AMAVA EENKQUBO ZOKHUSELEKO LWABANTWANA OLUSEBENZAYO UKUPHEMBELELA UMGAQO-NKQUBO NOPHUHLISO LOQHELISO.		
4.	ZONKE IZEHLO, IZITYHOLO ZOXHAPHAZO NEZIKHALAZO ZIYAREKHODWA KWAYE ZIBEKWE ILISO.		
5.	IMIGAQO-NKQUBO NEZIQHELO ZIYAJONGWA KWAKHONA ETHUBENI NGOKUTHE RHOQO, NGOKUKUKO UBUNCINANANA RHOQO NGEMINYAKA EMITHATHU.		
6.	ABANTWANA NABAZALI/ABANAKEKELI KUBONISWANA NABO NJENGENXENYE YOKUJONGWA KWAKHONA KOKUKHUSELA IMIGAQO-NKQUBO NEZIQHELO.		

Uxwebhu lwesi-5: IGridi yokuziNika amaNqaku okuziPhicotha

UToliko lwemiBala

uBHLOWU = EWE
UBOMVU = HAYI

IZIHLOKO	IMIBUZO					
	1	2	3	4	5	6
ABANTWANA NEQUMRHU						
IMIGAQO-NKQUBO NEENKQUBO EZINCEDA UKUGCINA ABANTWANA BEKHUSELEKILE						
UKUNQANDA UKWENZAKALISWA KWABANTWANA						
UKUPHUMEZA NOQOQOSHO						
ULWAZI NONXIBELELWANO						
UKUBEKA ILISO NOKUJONGA KWAKHONA						

UQeqesho loKhuselo lwaBantwana lwabaNikezi-nkonzo & namaQumrhu

Uxwebhu lwesi- 6: IsiBoniselo soHlolo loMngcipheko

IIMPENDULO ZOKUNIKA AMANQAKU

INQAKU	UKUBALASELA	OKUNGALINDELEKA
1	AKUBONAKALI	NGOKUNQABILEYO
2	KUNCINCI	AKUNAKWENZEKA
3	KUPHAKATHI	KUNOKWENZEKA
4	KUKHULU	KULINDELEKILE

Inkcazelo yomngcipheko	Ulawulo lwaNgoku olukhoyo ukulawula lo mngcipheko	Ubalaselo okanye impembelelo (1-4)	Kulindelekile (1-4)	Inqaku loMngcipheko (Ubalaselo x Kulindelekile)	Umntu onoXanduva	Iqhinga elindululweyo ukuhlisa, ukudambisa okanye ukulawula umngcipheko nexesha elibekiweyo

UQeqesho loKhuselo lwaBantwana lwabaNikezi-nkonzo & namaQumrhu

Incwadana yesi-7: UMcwangcisi weNdlela yokuSebenza

IGAMA LEQUMRHU:				
UMMANDLA WOMSEBENZI WEXESHA	**ISENZO/ UMSEBENZI**	**NGUBANI**	**NINI**	**IZIDINGO ZENKXASO/ ZOMTHOMBO**
AMANQAKU AWONGEZELELWEYO				

Iphetshana loQhagamshelwano

Uqeqesho ngokhuselo lwabantwana ngokuqhelekileyo lungakhathaza ebantwini abaninzi. Ukuba uziva ufuna ukuthetha emntwini ngayo nantonina emva kolu qeqesho, ungaqhagamshelana naziphina kwiinombolo ezingahlawulelwayo zaseMzantsi Afrika ezilapha ngezantsi uze ufumane iinkonzo zokolulekwa ingqondo ngomnxeba.

I-*LifeLine Southern Africa*

Inkonzo yongenelelo yexesha lobunzima yeeyure ezingama-24. "Isikhululo soNcedo lokuQala loKhathazeko". Ululeko-ngqondo lomnxeba olungahlawulelwayo, oluyimfihlo, ululeko-ngqondo ngokuphathelele kudlwengulo, ululeko-ngqondo ngokuphathelele kumethuko, ululeko-ngqondo ngokuphathelele kwi-Aids, neendidi ngeendidi zezinye iinkonzo. Ezingezozaqumrhu elijonge inzuzo. Ucingo lwesizwe lololuleko-ngqondo: 0861-322-322

I-*The South African Depression & Anxiety Group*

Ukuqhagamshelana nomoluleki-ngqondo phakathi ko-8am-8pm Ngomvulo ukuya Ngecawe, Tsalela umnxeba: 011 234 4837 / Inombolo yefeksi: 011 234 8182

Ngongxamiseko lokufuna ukuzibulala qhagamshelana nathi apha 0800 567 567

Ucingo loncedo lweeyure ezingama-24 0800 12 13 14

SMS-esa 31393 (kwaye siza kubuyela kuwe ngokukutsalela umnxeba)

I-*Gender-Based Violence Command Centre*

Iziko leeyure ezingama- 24 ezinikezeleyoukunikeza inkxasonoluleko-ngqondokumaxhoba obuGebenga obuPhathelele kwiSini 00 428 428 / *120*7867# (awuhlawulelwa)

Amanqaku

Izalathiso zemathiriyeli ekule ncwadana zikwincwadi yokufundisa yombhexeshi ehamba nayo.